Drive your imagination

# 10 reasons to use your library



1 **Help your children be better readers.** Research shows that children who use the library are nearly twice as likely to be above-average readers than children who don't. *(National Literacy Trust)*



2 **Establish the reading habit.** Regular trips to the library help you and your children make a regular "date" with books so you all get into the habit of reading!

3 **Something for everyone.** Libraries offer books for all ages and interests, all under one roof – from board books for babies, to picture books for young children, and novels and information books for older children and adults.

4 **Reading for free.** Libraries offer a wider variety of reading material than we could ever own – and it is free!



5 **Who's your favourite?** Libraries are great places to find out who your favourite authors are – and you can keep discovering new ones too!

6 **Reading to write.** Reading stories written by others can help inspire children's own story writing.

7 **More than books.** Many libraries also offer more than just books – for example, CDs, DVDs, newspapers and magazines. Some libraries also have computers you can use to access the Internet.

8 **Enjoy free activities.** Some libraries offer activities especially for children (like regular storytelling times) that let them have fun with books.

9 **Ask for advice.** Librarians are knowledgeable! Ask them about good and popular books for children, teenagers and yourself.

10 **Quiet space.** The library is a peaceful place for older children to do their homework. There are plenty of books to help them do research for school projects and assignments.



# Izizathu ezili-10 zokusebenzisa ithala leencwadi lakho



1 **Nceda abantwana bakho babe ngabafundi abangcono.** Uphandonzulu lubonisa ukuba abantwana abasebenzisa ithala leencwadi bangangabantwana abenza ngcono nangaphaya komyinge ngokuphindwe kabini kunabantwana abangalisebenzisiyo. *(National Literacy Trust)*

2 **Misela isiqhelo sokufunda.** Iihambo ezimfutshane eziya kwithala leencwadi zinceda wena nabantwana nibe "nedinga" neencwadi ukuze ninonke nimisele isiqhelo sokufunda!

3 **Kukho into anokuyenza wonke ubani.** Amathala eencwadi abonelela ngeencwadi zabantu bonke ngokobudala babo kunye nemidla yabo eyahlukeneyo, konke kufumaneka phantsi kophahla olunye – ukususela kwiincwadi zekhadibhodi ezenzelwe iintsana, ukuya kwiincwadi zemifanekiso zabantwana abancinane, kunye neenoveli neencwadi ezixhobisa ngolwazi ezenzelwe abantwana abadalana nabantu abakhulu.



4 **Ukufunda simahla.** Amathala eencwadi abonelela ngeentlobo ngeentlobo zeencwadi zokufunda ezingasoze zikwazi ukuba zezethu – kwaye zonke zifumaneka simahla!

5 **Ngubani oyena omthandayo?** Amathala eencwadi zezona ndawo zilungileyo zokufumanisa ukuba ngoobani abona babhali obathandayo – kwaye kukwalapho unokusoloko ufumana nabatsha ababhali!

6 **Ukufundela ukubhala.** Ukufunda amabali abhalwe ngabanye ababhali kunganceda ukuvuselela abantwana babhale awabo amabali.

7 **Fumana ngaphezulu kweencwadi.** Amathala eencwadi amaninzi anikezela ngokungaphezulu kweencwadi – umzekelo, ii-CD, ii-DVD, amaphephandaba kunye neemagazini. Amanye amathala eencwadi aneekhompyutha ukuze ukwazi ukufikelela kwi-intanethi.



8 **Yonwabela imidlalo nemisetyenzana yasimahla.** Amanye amathala eencwadi anikezela ngemidlalo nemisetyenzana, ingakumbi eyabantwana ebenza bazonwabele iincwadi (njengamaxesha okubalisa amabali okwenzeka rhoqo).

9 **Cela ingcebiso.** Oosothala banolwazi! Bacele bakucebise malunga neencwadi ezilungileyo nezona zithandwayo zabantwana, abafikisayo kunye nawe.

10 **Indawo ezolileyo.** Ithala leencwadi yindawo enocwangco yabantwana abadalana apho benza umsebenzi wabo wesikolo. Kukho iincwadi ezininzi ezinokubanceda xa besenza uphandonzulu ngeeprojekthi nee-asayimenti zabo.

www.nalibali.org www.nalibali.mobi nalibaliSA @nalibaliSA

Nal'ibali It starts with a story...